URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni ICandelo
**L Sangqu**
ICandelo loLawulo loLwabiwo noSetyenziso-mali
WCED.NormsandStandards@westerncape.gov.za | 021 467 2608

Inombolo yefayili.: 18/5/5
Isalathiso: 20240806-5740

ISetyhula: 0024/2024
Umhla wokuphelelwa: 31 Matshi 2026

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela-Balawuli kwii-ofisi zezithili, nakwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo azo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo ezingekho phantsi kwesiqendu 21

Isishwankathelo esifutshane: *Iinkcukacha ezimalunga nolwabiwo-mali lwezikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 lonyaka-mali ka-2025/26 nesikhokelo sokuthengwa kweempahla neenkonzo.*

**Isihloko: Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21: Imimiselo nemigangatho yengxowa-mali yezikolo kumaBakala 1-12 – ulwabiwo-mali lonyaka-mali ka-2025/26**

1. **Ulwabiwo-mali**

1.1 Iinkcukacha zolwabiwo-mali lwethutyana ngokwemimiselo nemigangatho yolwabiwo-mali (*norms and standards* (*N&S*)) zesikolo sakho esingekho phantsi kwesiqendu 21 zale minyaka mithathu izayo yethuba eliqala nge-01 Apreli 2025 ukuya kwi-31 Matshi 2028, ziyafumaneka kwi-*CEMIS* yaye zinokufunyanwa ngale ndlela ilandelayo:

- Loga kwi-*CEMIS*.
- Klikha ku-"*Proceed*" uze ukhethe *"Administration"* kwi-*menu bar* uze uklikhe ku-*"Norms and Standards Allocation"* uze ukhethe u-"*<u>N&S 2025/26</u>*"
- Liprinte iphepha elo.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

1.2 Ulwabiwo-mali lubalwe ngokungqinelana nemigqaliselo ekwimihlathi 108 – 114 ye*National Norms and Standards for School Funding (NNSSF)* njengoko ipapashiwe kwiGazethi kaRhulumente No. 29179, ye-31 Agasti 2006.

1.3 Ngokomhlathi 110 we-*NNSSF*, ii-*National Table of Targets*, ezipapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 50057 yowe-01 Februwari 2024, zibonisa izixa-mali ezithagethiweyo zango-2025 ngomfundi ngamnye. Isixa-mali esiqingqiweyo sezikolo ezingabizi zifizi siya kuba yi-R1 754.

**Itheyibhili <u>kazwelonke</u> yeethagethi zolwabiwo-mali zezikolo kumaBakala 1 -12 (2025-2027)**

| Inqanaba lentlupheko likazwelonke (NQ) nobume bokuhlawulwa kweefizi | Ngesabelo-mali somfundi ngamnye | | |
|---|---|---|---|
| | 2025 | 2026 | 2027* |
| NQ1 -NQ3 **Ezingabizi zifizi** | R1 754 | R1 836 | R1 919 |
| NQ4 **Ezibiza iifizi** | R879 | R920 | R961 |
| NQ5 **Ezibiza iifizi** | R301 | R315 | R329 |
| *I-No-fee threshold* | R1754 | R1 836 | R1 919 |

*Esango-2027 sitshintshwe nereyithi yeqondo lokuhla nokunyuka kwamandla emali eqikelelweyo.

1.4 Izabelo zolwabiwo-mali lwethutyana zibalwe ngokusebenzisa amanani obhaliso abafundi eSaveyi ye-*SNAP* yosuku lwe-10 yango-2024.

1.5 ISebe leMfundo leNtshona Koloni (WCED) liya kuzijongisisa zonke izabelo-mali zezikolo kunye neSaveyi ye-*SNAP* yosuku lwe-10 yango-2025.

1.6 Iileta **zolwabiwo-mali lokugqibela** ziya kupapashwa kwi-*CEMIS* ungadlulanga owe-15 Apreli 2025.

1.7 Apho kusebenzayo oku, izikolo ezibiza iifizi ziya kufumana inkxaso-mali yokongezelela apho isixa-mali seefizi zesikolo zazo sango-2024 kunye nenkxaso-mali ye-*N&S* ka-2025/26 ngesabelo-mali ngomfundi ngamnye, zingaphantsi komlinganiselo ongumzekelo ngomfundi ngamnye wezikolo ezingabizi zifizi.

1.8 **Iimali ezabiwe ngokwale setyhula mazichithwe ungadlulanga owe-31 Matshi 2026.**

2. **Isicwangciso seentlawulo (*WCED 032* )**

2.1 Iibhajethi zika-*WCED 032,* ezifumaneka kwikhompyutha ngokungena *kwi-CEMIS,* mazizaliswe zize zingeniswe ngekhompyutha ngokungena kwi-*CEMIS* ukususela ngomhla we-15 ukuya kowe-30 Apreli 2025 yaye kufuneka zisekelwe <u>kulwabiwo-mali lokugqibela</u>, njengoko kukhankanyiwe apha ngentla kumhlathi 1.6. Zonke izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 mazisahlule isabelo-mali sazo se-*N&S* sonyaka-mali ophela nge-31 Matshi

2026 sibe **ngala macandelo (*categories*) mathandathu** ku-*WCED 032, abizwa* izibonelelo ezixhasa ukufunda nokufundisa *(LTSM), i-LTSM enxulumene ne-IT*/izibonelelo zokuphucula ukufunda kusetyenziswa ithekhnoloji, izinto ezithengwa kuloo ndawo inesikolo (*local purchases*), iinkonzo zikamasipala, ezolondolozo nenye inkcitho yemihla ngemihla.

2.2 Kwakugqitywa ukuzaliswa nokungeniswa kwee-*WCED 032s*, iSebe iWCED liya kuphononongа iibhajethi. Izikolo ziya kwaziswa ukuba azichanekanga ii-*WCED 032s* yaye ziya kucelwa ukuba zizingenise kwakhona ii-WCED 032s ezihlaziyiweyo.

2.3 **Ukungaphumeleli ukungenisa u-*WCED 032* ngomhla omisiweyo we-30 Apreli 2025 kuya kubangela ukuba isabelo-mali se-*N&S* sahlulwe ngokweepesenti ekucetyiswa ngazo ngokomhlathi 3.4.**

2.4 **Izikolo ezibiza iifizi**

Isabelo-mali esipheleleyo se-*N&S* (100%) ukwenzela unyaka-mali ophela nge-31 Matshi 2026 masahlulwe sibe ngamacandelo amathandathu *(six categories*) ngokomhlathi 2.1.

2.5 **Izikolo ezingabizi zifizi (*No-fee schools*)**

Yi-20% yaso sonke isabelo-mali sesikolo se-*N&S* esipheleleyo, emayigcinelwe **inkcitho** yemihla ngemihla yokwenziwa komsebenzi **enganxulumananga nabasebenzi**. Izikolo ziya kwaziswa ngesi sixa-mali kwileta engesabelo-mali sazo se-N&S. Makukhunjulwe ukuba esi sixa-mali masisiqhube isikolo de kuye kutsho ku-Apreli 2026, apho kuya kufumaneka intlawulo yonyaka-mali olandelayo. Isabelo esiseleyo se-*N&S* (80%) sonyaka-mali ophela ngowe-31 Matshi 2026 masahlula-hlulwe ngokwamacandelo amathandathu ngokomhlathi 2.1.

2.6 Ukongeza, iintlawulo ezithunyelwa ngekhompyutha (*transfer payments*) kuzo zonke izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 zolondolozo (*for maintenance)* neentlawulo zeenkonzo zikamasipala (kwezo zikolo zizihlawulela ngokwazo ii-akhawunti zeenkonzo zikamasipala), ziya kuhlawulwa ngolu hlobo lulandelayo: i-50% yesixa-mali esibhajethelwe zona (ngokwe-*WCED 032* iya kuhlawulwa ngo-Apreli-Meyi 2025, ize i-50% eseleyo ihlawulwe ngo-Oktobha ukuya kuNovemba 2025.

3. **Ukusetyenziswa kwesabelo-mali**

3.1 Injongo yesabelo-mali se-*N&S* kukulungiselela izinto ezinxulumananga nabasebenzi *(non-personnel items*) kwakunye nemisebenzi yolungiso eqhelekileyo nolondolozo lweziseko zophuhliso zesikolo.

3.2 Isabelo-mali se-*N&S* esisesona sixa sisezantsi, sinokulungiselela iinkcitho emalunga noku kulandelayo:

(a) I-*LTSM* (makufundwe umhlathi 3.5 ngezantsi ukwenzela olu luhlu lwezinto luqukwe phantsi kwe-*LTSM).*

(b) I-*LTSM* enxulumene ne-*IT* kunye/okanye izibonelelo *(digital resources)* zokuphucula ukufunda kusetyenziswa ithekhinoloji *(e-Learning*) ekufuneka zibe zezokuthenga i-*software*, iintlawulo zelayisensi ye-*software* yezibonelelo zemfundo nemirhumo, ii-aplikheyishini zekhompyutha (*online applications*) nokuhlaziywa kweemvumelwano *(renewal of contracts)* okanye izibonelelo ii-*proprietary digital resources* zokuphucula ukufunda kusetyenziswa ithekhnoloji *(eLearning)* nezisebenzisanayo nezixhobo zekhompyutha ii-*IT hardware (computers, etc.)* ezisetyenziswa ngoku ezikolweni.

(c) Ukuthenga kuloo ndawo inesikolo (*local purchases*), okuquka imathiriyeli yokucoca/izixhobo, ii-ovaroli zabacoci nabasebenzi bamabala (*ground staff*), iimpahla zokuzikhusela ii-*personal protective equipment*/iimpahla *(clothing)*, oomatshini bokufotokopa (*paper copier machines*), izixhobo zefoni (*telephone equipment*), ii-*intercom systems*, neesistim ezizi-*closed-circuit television systems*.

(d) Eyeenkonzo (zikamasipala)/zika-*Eskom.)*

(e) Ulondolozo olubalulekileyo lwemihla ngemihla lwezakhiwo zezikolo, amabala nezixhobo zomsebenzi (ulondolozo olwenziwa sisikolo), nemisebenzi yolungiso *(repairs*) ukukhusela isikolo.

(f) Ezinye iindleko zemihla ngemihla kuqukwa neentlawulo zoomasifundisane, ezeelayisensi zeTV, ezababoneleli-nkonzo baka-Intanethi, ezobulungu besikolo kwimibutho yezemfundo, ezokuposa imbalelwano, iintlawulo zokufona, ezokuqeshwa kwezixhobo, iintlawulo zokuphicothwa kweencwadi, iintlawulo zebhanki, ezeenkonzo zomthetho, ezokwenza izibhengezo, ezeenkonzo zokhuseleko, ezothutho lukawonke-wonke okanye ezothutho lwabafundi, ezokuqeshwa kwezithuthi, iinkonzo ze-inshorensi nezokwenza iikopi.

3.3 Ingeniso yesikolo esiyenze ngokwaso, njengoko kuchaziwe kumhlathi 6 apha ngezantsi, mayisetyenziselwe kuqala ukongeza apho kushota khona kwezi zinto zilapha ngentla phambi kokuba isetyenziselwe ukuhlawula izithuba zengqesho zamabhunga olawulo.

3.4 **<u>Kucetyiswa</u> ngokuba ngo-2025/26, izikolo zimele ukusahlula-hlula isabelo sazo ngokwamacandelo ngamacandelo enkcitho awahlukileyo (*various expenditure categories*) ngolu hlobo lulandelayo:**

- I-25% isetyenziselwa ii-odolo ze*LTSM* zika-2026, umfundi ngamnye makabe nencwadi yesifundo emiselweyo ngesifundo ngasinye yaye i-10% imele ukusetyenziselwa izibonelelo zaselayibrari. Istokhwe seencwadi nezibonelelo zaselayibrari mazandiswe (*augmented*) qho ngonyaka de inani elipheleleyo lee-ayithem *(items*) libonise owona mgangatho usezantsi wamazwe ngamazwe umiselweyo *(minimum international standard*) wee-ayithem ezili-10 ngomfundi ngamnye.
- I-15% esetyenziselwa ukuhlawula izinto ezithengwa kuloo ndawo inesikolo (*local purchases*),
- I-10% yezibonelelo ze-*LTSM* ezinxulumene ne-*IT* kunye/okanye izibonelelo zokuphucula ukufunda ngethekhinoloji (*eLearning*).

- I-25% isetyenziselwa ii-akhawunti zeenkonzo zikamasipala/zika-*Eskom*. **(nakuba kunjalo izikolo zifanele ukwenza ibhajethi yepesenti enkulu kunoku ukuba iindlela zenkcitho zazo (*expenditure trends*) zenza ukuba oku kube yimfuneko;**
- I-20% isetyenziselwa ulondolozo lwesikolo **(i-25% yesi sabelo imele ukusetyenziselwa ulungiso lokukhusela isikolo)**.
- I-5% ukwenzela ezinye iindleko zemihla ngemihla.

3.5 **Izibonelelo ezincedisa ukufunda nokufundisa (*LTSM*)**

(a) ISebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-*DBE*) lizicacisa izibonelelo ezincedisa ukufunda nokufundisa *(LTSM)* njengazo naziphi na izinto ezixhasa zize zenze kube lula ukufunda nokufundisa kanye ngqo eklasini okanye ekhaya (umsebenzi wesikolo wasekhaya). Zibandakanya oku kulandelayo:

- Iincwadi zezifundo (*textbooks*), iincwadi zokufunda (*readers*), iincwadi zokukhangela izinto-yinto (*reference books*), iincwadi ezimiselweyo (*prescribed books*), ii-atlasi (*atlases)* nezichazi-magama *(dictionaries);*
- Iincwadi zokwenza imisebenzi (*workbooks*);
- Iiphowusta, iimephu neetshathi zodonga;
- Imidlalo efundisa okuthile ii-*Educational board games;*
- Izinto zokufunda zaselayibrari (ezingamabali angeyonyaniso (*fiction*) nezingamabali asusela kwizinto zokwenene (*non-fiction*), iincwadi zokukhangela izinto-yinto, iiphowusta, iirekhodingi zeevidiyo, ezee-DVDs, ii-*CD,* ii-*multi-media* njl. njl.);
- I-*software* yekhompyutha nokulayisenswa kwayo *(Computer software and licensing);*
- Izibonelelo ezisetyenziswa ngootitshala, ngabafundi, eziklasini nakwiilayibrari

(b) Izikolo kufuneka zisebenzise isabelo sazo esipheleleyo se*LTSM* ukuthenga i*LTSM* eya kukwandisa ngamandla ize ikuxhase ukuphunyezwa kwe-*Curriculum and Assessment Policy Statement (CAPS)* eziklasini zazo. Ngako oko ke ziyakhuthazwa izikolo ukuba zisebenzise isabelo sazo se*LTSM* ekuthengeni iincwadi zezifundo (*textbooks*) zokongezelela, iincwadi ezimiselwe ukufundwa (*prescribed works*), ii-atlasi (*atlases)* izichazi-magama *(dictionaries);* iincwadi zokwenza imisebenzi (*workbooks*); iiphowusta, iimephu neetshathi zodonga, iimidlalo efundisa okuthile (*educational board games)*, izinto zokufunda zaselayibrari (ezingamabali angeyonyaniso (*fiction*) nezingamabali asusela kwizinto zokwenene (*non-fiction*), iincwadi zokukhangela izinto-yinto, iividiyo esezirekhodiwe, ii-*DVDs*, ii-*CDs*, ne-*software* yekhompyutha nezixhobo ze-*Consumer Studies and Hospitality Studies* nezelebhu yesayensi.

(c) Inkxaso-mali ye*LTSM* nayo imele ukuthathelwa ingqalelo ukwenzela iintlawulo zemirhumo (*subscriptions*), iiprogram ii-*online applications* nokuhlaziywa kweemvumelwano okanye ezezibonelelo ii-*proprietary digital resources*. Oku kwenza izikolo zisebenzise isabelo-mali se*LTSM* ukuthenga izibonelelo zokufunda kusetyenziswa ithekhinoloji (*digital resources)* zokutshintsha inkqubo yokufunda yangaphambili ibe yinkqubo yokufunda kusetyenziswa ithekhnoloji (*digital learning)*. Ezi zibonelelo zilolu

hlobo ziqulethe ii-*eBooks* kwakunye ne-*software* yezemfundo (*educational software*). Ixabiso loku liyafana kungokunje neleencwadi zezifundo ezingamaphepha aprintiweyo zodidi oluqhelekileyo (*traditional hard copy textbooks*) zingancitshiswanga okanye zincinane iindleko kuzo. Makwenziwe amalungiselelo okwenza ukuba izikolo zizibhalisele ezi nkonzo/ezi mveliso.

(d) Ngokuxhomekeke kule miqathango ilandelayo, izikolo zingabela i-*LTSM* imali encinane ukuba:

- umfundi ngamnye osesikolweni unencwadi yesifundo kwisifundo ngasinye yaye unako ukufikelela kwizibonelelo ze-*LTSM* ezizezinye;
- isikolo besisoloko sisithi qho ngonyaka sabe i-10% yesabelo se-*LTSM* ekuthengweni kweencwadi nezibonelelo zaselayibrari zokwandisa istokhwe saselayibrari yaye inani lilonke lee-ayithem zaselayibrari kwistokhwe saselayibrari ngoku zii-ayithem ezili-10 ekulelona nani lisezantsi limiselweyo ngokomgangatho wamazwe ngamazwe (*minimum international standard of 10 items)* ngomfundi ngamnye; yaye
- ibhunga lolawulo lithathe isigqibo ngokusesikweni malunga noku kutenxa kokumiselweyo. (Esi sigqibo sebhunga lolawulo ngokumalunga nebhajethi, nekufuneka ingeniswe kwintlanganiso yabazali, masicaciswe yaye makunikwe isixa-mali esichithwe kwizibonelelo ze-*LTSM*, ngomfundi ngamnye. Esi sigqibo masandlalwe kwintlanganiso yabazali, nokuba ngaba umphathi wesekethe uyasixhasa okanye akasixhasi.)

(e) Indlela yokufunyanwa kwe-*LTSM:*

- Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 mazilandele iinkqubo ezimiselweyo kwisiHlomelo A.
- Ngokungqinelana nemiyalelo ye-Ofisi kaNondyebo wePhondo, apho kungekho mvumelwano *(contract*) isebenzayo, iSebe iWCED liya kupapasha izicelo ze*LTSM* zazo zonke izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 kwi-*Integrated Procurement Solutions (IPS),* nelawulwa yi-*Ariba*. Le sistim ivumela ukhuphiswano ngamaxabiso ngokungqinelana nemithetho ebhengezwe ngokwe-*Preferential Procurement Policy Framework Act, 2000 (Act 5 of 2000)*.
- Izikolo mazikhethe zonke izibonelelo ze*LTSM* zokongezelela (*top-up LTSM*) kwiikhathalogu zikazwelonke ezivunyiweyo ezikweli ziko lewebhu leSebe leMfundo leNtshona Koloni apha: **http://wcedonline.westerncape.gov.za/index.html**.
- ISebe iWCED lizazisa izikolo qho ngonyaka (ngeesetyhula kunye/okanye neengcaciso ezimfutshane) ngamaxesha amisiweyo oku-odola iincwadi zezifundo zokongezelela zeCAPS kwi-*CEMIS.*
- Ukuba zifuna ukuncediswa ekukhetheni iincwadi nezibonelelo zaselayibrari, kufuneka izikolo ziqhagamshelane noMnu Timothy Cloete, uMququzeleli we-*EDULIS* weeNkonzo zeeLayibrari zeZikolo (*School Library Services), kule nombolo ye*foni 021 957 9626. Kunokuqhagamshelwana nomcebisi ngezelayibrari yesikolo wesithili (*district school library adviser*) kunye/okanye nomququzeleli weziko elinguvimba wolwazi (*resource centre co-ordinator*) ngokumalunga nokuphuculwa kweelayibrari zezikolo.

3.6 **Iinkonzo zikamasipala**

(a) Injongo yesabelo esinikwa izikolo ngokwe-*N&S*, phakathi kwezinye izinto, kukuhlawula ii-akhawunti zeenkonzo zikamasipala, ezibandakanya umbane, amanzi, ugutyulo lomphutha (*sewage removal*), ukuthuthwa kwenkunkuma (iintlawulo zokufumaneka nezosetyenziso), kodwa asibandakanyi ukuhlawulwa kwerhafu yepropathi. Njengoko kwakunjalo kwixesha elidlulileyo, uRhulumente uya kuyihlawula irhafu yepropathi ebhaliswe ngegama likaRhulumente wePhondo leNtshona Koloni *(Western Cape Provincial Government (WCPG)* okanye leRiphablikhi yoMzantsi Afrika (*RSA)* kwiimeko ezithile.

(b) Izikolo ezimbalwa zivakalise ukuba azifuni kulawula ii-akhawunti zazo zeenkonzo zikamasipala yaye ezi akhawunti zazo ziya kuqhubeka zihlawulwa yi-ofisi yesithili semfundo echaphazelekayo. I-ofisi yesithili semfundo iya kunika isikolo ngasinye iikopi zee-akhawunti zaso qho ngenyanga ngenjongo yokuba sizitshekishe kwaye singqine ukuba ii-akhawunti ezo zichanekile. **Isixa-mali se-*WCED 032* simele oko kumelwe ukuhlawulwa liSebe i*WCED* yaye esi sixa-mali siya kusetyenziselwa ukuhlawulela iinkonzo zikamasipala. Izikolo ziya kumelwa kukuhlawulwa naziphi na iindleko zikamasipala ezenziweyo ngaphezu kweso sixa-mali sibhajethelwe oku ku-*WCED 032*.**

(c) Izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 mazibale imali ebekelwe iinkonzo zikamasipala ngokwenkcitho yazo yangaphambili zidibanise nomyinge wokuhla kwamandla emali (*plus inflation adjustments*) kwimali eziyigcinele iinkonzo zikamasipala zize ziyibonise kwi-*WCED 032.* Esi sixa-mali kunye nemali yolondolozo ziya kuhlawulwa ngaxeshanye kwezo zikolo zavumayo ukuwenza lo msebenzi. **Apho singanelanga isabelo-mali se-*N&S* seenkonzo zikamasipala, izikolo zilindeleke ukuba ziyongeze zona ngokwazo imali yesabelo kwiingxowa zazo, apho oku kuyimfuneko.**

(d) Izikolo kusafuneka, ziwaphumeze amanyathelo okonga imali aboniswe kwisiHlomelo B.

(e) U-*Eskom* noninzi loomasipala bavakalise ukuba bangazenza iimitha zombane ohlawulelwa ungekasetyenziswa (*pre-paid electricity meters*) ezikolweni. Oku kuya kwenza izikolo zibe nolawulo olubhetele losetyenziso lombane wazo. Izikolo maziqhagamshelane no-*Eskom* okanye nomasipala wengingqi, ochaphazelekayo, ukuba zifuna ukuba kufakwe iimitha zombane ezihlawulwa phambi kokuba umbane usetyenziswe.

(f) **Apho kuye kwaqatshelwa ukuba izikolo azizihlawuli ii-akhawunti zazo zikamasipala, iSebe iWCED linelungelo lokuyibamba lingayikhuphi imali eyabelwe ezo zikolo ngokwesabelo se-*N&S* ukwenzela ukuhlawula ezo zixa-mali zee-akhawunti zeenkonzo zikamasipala zingahlawulwanga egameni lesikolo esichaphazelekayo.**

(g) **Zonke izikolo ezavumayo ukuba yinxenye yephulo elilingwayo lokonga amanzi i-*smart water meter pilot* nezineemitha zamanzi ii-*smart water meters* ezifakwe ezikolweni mazigcine isabelo-mali kwisabelo sikamasipala sokuhlawula iintlawulo zaqho ngenyanga zeemitha ii-*smart water meters.***

3.7 <u>**Ulondolozo lwemihla ngemihla**</u>

(a) Ulondolozo lwemihla ngemihla luthetha ukulungiswa kwamabala, ukucocwa, ukuhlaziywa, iinkonzo zokugada nokulungiswa kunye/okanye ukukhutshwa kwezinto ezonakeleyo kufakwe ezinye kwizakhiwo zesikolo nakwizixhobo zokhuseleko. **Malwenziwe qho ulondolozo lwemihla ngemihla, ukwenzela ukuthintela ukugxagxiseka kwezakhiwo zesikolo de zifune ulungiso olungxamisekileyo lomonakalo omkhulu nobiza imali enkulu ngenxa yokungahoywa.**

(b) **Apho singanelanga isabelo-mali se-*N&S* solondolozo lwemihla ngemihla, izikolo zilindeleke ukuba ziyongeze zona ngokwazo imali yesabelo kwingeniso yaso, apho oku kuyimfuneko.**

(c) Izikolo mazizenzele ngokwazo ibhajethi yolondolozo lwemihla ngemihla ngokungqinelana nemeko yezakhiwo namabala azo.

(d) Izikolo ngokunjalo mazibekele bucala isixa-mali kweso sabelo-mali sonyaka esisetyenziselwa oku kulandelayo:

- ukulondolozwa kwezixhobo zomsebenzi ezisetyenziswa ekuphuculeni amabala esikolo, umz. ukulungiswa kwemowa, ukuthenga ipeyinti yezitulo ezisemabaleni esikolo, ukuthenga ikalika (*lime)* nesichumiso *(fertiliser)*.
- ukulondolozwa kwezixhobo zokucima umlilo o.k.t imibhobho, iirili (*reels)* zokucima umlilo, nezinye izixhobo zokucima umlilo ezifanelekileyo njl.njl.;
- ulondolozo olungxamisekileyo lwezixhobo zokhuseleko okanye iinkonzo zokugada (*security mechanisms or guarding services)* — xa zonakale izixhobo zokhuseleko ezikhoyo esikolweni (kubandakanywa iigeyithi ezizivulekelayo nezizivalekelayo *(automatic gates*), iimotho zeegeyithi njl.njl.) ezikolweni ezonakaliswe kukuqhekezwa, kukonakaliswa ngabom okanye kukuba ziphelelelwe lixesha; kunye
- nokulondolozwa kweengcingo nezinye izixhobo zokhuseleko (umz. ii-alam, ii-intakhom, nj.njl.).

(e) Isabelo-mali se-*N&S* masingaze sisetyenziselwe ulondolozo lwezixhobo lwemihla ngemihla kwiihostele zokuhlala. Olu hlobo lolondolozo maluxhaswe ngemali yeefizi zabafundi yokuhlala ehostele nangeebhasari.

3.8 Izikolo mazibonise izabelo-mali ezenzelwe ulondolozo lwezakhiwo, amabala nezixhobo zokusebenza njengesixa-mali esinye kwi-*WCED 032*.

3.9 Apho izikolo ezingekho phantsi kwesiqendu 21 zithi zigqithise kwisabelo sazo se-*N&S*, ngenxa yaso nasiphi na isizathu, iSebe i*WCED* liya kuyifumana nayiphi na inkcitho engaphezulu ngokuyixhuzula kwisabelo sesikolo se-*N&S* sonyaka-mali olandelayo. Oku makungajongwa njengokukhuthaza izikolo ukuba zigqithise kwizabelo-mali ze-*N&S* zazo.

4. **Isabelo-mali se*N&S* <u>ASINAKO</u> ukusetyenziselwa oku kulandelayo:**

- **Ukuhlawula abasebenzi abaqeshwe libhunga lolawulo**
- **Izakhiwo ezitsha**
- **Inkcitho kwiihostele**
- **Iimali-mboleko ezinikwa abantu okanye amanye amaziko**
- **Naziphi na ii-asethi ezizi-*capital items* ezinexabiso elingapha kwe-R5 000**

5. **Ulungiso lomonakalo omkhulu ongxamisekileyo**

Ngokomhlathi 97 we*NNSSF*, iSebe iDBE kunye/okanye iSebe i*WCED* malikuqwalasele ukuqhubeka ngeenkqubo zokufumana iimali ezingezizo ezo zizizabelo-mali ezinikwa izikolo ukwenzela ukuba zibenako ukujongana nolungiso lweziseko zophuhliso olungxamisekileyo, phakathi kwezinye izinto, okubangelwe ngokuthe ngqo nangokungathanga ngqo ziiyantlukwano kwinkcitho esele yenzekile neziganeko zentlekele. Ezi ntlobo zolungiso lomonakalo zilandelayo ziya kuqwalaselwa ngokungqinelana noXwebhu *Standard Operating Procedures for Emergency Maintenance in Western Cape Schools, 2021*.

| **UDIDI A:** |
|---|
| **Umonakalo oxhomisa amehlo:** Umonakalo oxhomisa amehlo weziseko zophuhliso ubangelwa ziiyantlukwano kwinkcitho esele yenzekile (*historical expenditure inequities*), iintlekele zendalo, iziphene kwizakhiwo kunye/okanye imililo eyonakalisa ukubanako kwesikolo ukuqhubeka sisebenza kunye/okanye ukuba sisikolo esiyindawo esempilweni nenokhuseleko kubafundi nakootitshala nakubasebenzi abasesikolweni.<br><br>ISebe i*WCED* liya kuqhubeka likuthathela ingqalelo ukuphunyezwa kwemisebenzi yolungiso olungxamisekileyo apho isikolo singenayo imali efumanekayo (isabelo sokulondolozwa kwezakhiwo sishokoxekile) kunye/okanye apho isikolo singenazo izakhono eziyimfuneko zokwenza lo msebenzi wolungiso ulolu hlobo, ngokuxhomekeke ekubeni ikhona imali eyaneleyo kwiSebe i*WCED*. |

6. **Ingeniso eyenziwa sisikolo ngokwaso**

Ngokwesiqendu 36 (1) soMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, (uMthetho 84 ka-1996), amabhunga olawulo makathathe onke amanyathelo afanelekileyo okongezelela kwisabelo sikaRhulumente ukwenzela ukuphucula umgangatho wemfundo efundiswa sisikolo **kubo bonke abafundi esikolweni**. Nangona izikolo ezingabizi zifizi kunyanzelekile

ukuba zingabizi zifizi (kubandakanywa neefizi zobhaliso), ziyakhuthazwa ezi zikolo ukuba ziqokelele iminikelo ekhutshwa ngokuzithandela (*voluntary contributions (donations)*) yaye zenze izinto/imisebenzi yokunyusa ingxowa (*fund-raising actvities*).

7. **Ukunika ingxelo**

7.1 Ibhajethi evunyiweyo yesikolo mayingeniswe kwisithili semfundo esichaphazelekayo ungadlulanga owe-01 Disemba kunyaka ngamnye.

7.2 Zonke izikolo mazingenise le fom *WCED 043 form* (ingxelo engeniswa kabini ngonyaka) kwisithili semfundo esichaphazelekayo zingekapheli iintsuku eziyi-30 ukususela ekupheleni kwekota (inkcitho eya kutsho kwi-30 Juni nakwi-31 Disemba). Ngaphezulu, isiqendu 43(5) se*SASA* sifuna ukuba izikolo zingenise ikopi yeseti yeengxelo-mali zazo eziphicothiweyo zonyaka-mali ongaphambili (ukwenzela ukuba ziqwalaselwe ngumlawuli wesithili esichaphazelekayo), ungekadluli owe-30 Juni kunyaka ngamnye.

7.3 Iimali ziya kuhlawulwa kwizikolo ukuba ngaba i-ofisi yesithili iyangqinisisa ukuba isikolo sinemali eyanelayo ngokusekelwe kwimisebenzi yezemali yeekota ezingaphambili. **Ngaphezu koko, ukuba isikolo asingqinisiswanga njengesikolo esinemali eyaneleyo phambi okanye ngowe-13 Matshi 2026, isikolo sinokuphulukana naso nasiphi isabelo-mali se-*N&S* saso esingekahlawulwa.**

8. **Eminye imiqathango**

8.1 Ibhunga lolawulo malibe nolawulo olululo kwingeniso nakwinkcitho njengoko kucacisiwe kule Ncwadana i-*Manual: Basic Financial System for Schools eyakhutshwa yiNtloko yeSebe leMfundo ngokwesiqendu 37 (1) seSASA*. Ukuba amalungu ebhunga lolawulo akanabo ubungcali obuyimfuneko bokwenza lo msebenzi ngendlela eyiyo, makatyumbe (*co-opt)* umntu oya kuba nako ukuwancedisa.

8.2 Yonke imali yesikolo, efunyenwe kwisabelo-mali sikaRhulumente naleyo ivela kwisikolo ngokwaso, mayisetyenziselwe iinjongo ezinxulumene ngqo nezemfundo, njengoko kucacisiwe kwisiqendu 37(6) *seSASA*, kubandakanywa nokuthengwa kwe*LTSM*. Ngokomgaqo-nkqubo weSebe i*WCED*, makungaze kwenziwe iikopi zeencwadi zezifundo ezimiselweyo (*textbooks*) kunye neencwadi zokufunda (*readers*) njengoko oku ikukunyasha uMthetho weLungelo eliValela uKwenziwa kweeKopi, 1978 (uMthetho 98 ka-1978) (*Copyright Act, 1978 (Act 98 of 1978*)).

8.3 ISebe iWCED linelungelo lokuhlola iirekhodi ezinxulumene nemali yesikolo kunye nokuthatha amanyathelo ngakuye nawuphi na umsebenzi/utitshala wesikolo okanye ilungu lebhunga lolawulo, ukuba lithe lachaphazeleka kwizenzo zokusetyenziswa gwenxa kwemali yesikolo. Ngako oko ke izikolo mazigcine bonke ubungqina bengeniso nenkcitho ukulungiselela le njongo.

9. **Isicelo sokufakwa kwesikolo phantsi kwesiqendu 21**

Izicelo zokutshintsha ubume bokuba sisikolo esingekho phantsi kwesiqendu 21 sibe sisikolo esiphantsi kwesiqendu 21, mazingeniswe ngokuqala kugqithwe kwi-ofisi yesithili ukuya kwaNdlunkulu phambi okanye ngowe-**28 Februwari 2025** ngale fom iqhotyoshelweyo (IsiHlomelo C). Izikolo eziphumeleleyo ziya kufakwa phantsi kwesiqendu 21 ukususela kunyaka-mali olandelayo kuphela, o.k.t. ukususela kowe-01 Apreli 2025.

**Izicelo ezifike emva kwexesha ziya kwenza ukuba isikolo siphinde sifake isicelo sobume bokuba sifakwe phantsi kwesiqendu 21 ukususela ku-Apreli 2026.**

10. **Ulwabiwo-mali lwango-2024/25**

**Iimali ezabelwe izikolo ngokweSetyhula 0020/2023 yomhla we-01 Agasti 2023, mazisetyenziswe ziphele zizikolo phambi kowe-14 Matshi 2025.**

11. **Nazi iinombolo zoqhagamshelwano zokubuza imibuzo**

| Isihloko | Igama | Inombolo yefoni |
|---|---|---|
| IiNgxelo *WCED 043* ezingeniswa kabini ngonyaka neengxelo-mali zonyaka eziphicothiweyo | USekela-Mlawuli - weeNkonzo kwi-ofisi yesithili | Eye-ofisi yesithili semfundo esichaphazelekayo |
| Ukuthengwa kwe-*LTSM* (*WCED 034 form*) nokuthengwa kwezinto kuloo ndawo inesikolo (*WCED 026 form*). ngokungena kwiCEMIS nemibuzo emalunga noku-odola iincwadi zezifundo *(CAPS)* kwikhompyutha | Nks F Bedford<br>Nks L John | 021 467 2018<br>021 467 2345 |
| Imibuzo engeentlawulo zesiqhelo *(General Payments)* | Nks N Mtongana<br>Nks N Petersen<br>Mnu B Teyise | 021 467 2703<br>021 467 2701<br>021 836 1306 |
| Ulungiso lomonakalo olungxamisekileyo | Mnu N Sutcliffe<br>Mnu T Barends<br>Nks Z Gambula<br>Mnu C van den Heuvel | 021 467 2568<br>021 938 3186<br>021 467 2091<br>044 803 8322 |
| I-e-*Learning*<br>UMququzeleli we-*EDULIS* weeNkonzo zeeLayibrari zeZikolo | Nks M Jonas<br>Mnu T Cloete | 021 828 3067<br>021 957 9626 |
| Imibuzo ngokubanzi: IMimiselo neMigangatho (kungabandakanywanga imibuzo | Nks G Jini<br>Mnu L Sangqu<br>Mnu E Bezuidenhout | 021 467 2191<br>021 467 2608<br>021 467 2192 |

